basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NKANGA 2025**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9.**

Testpapers.co.za Testquestions.co.za

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## 1.1 ISICATSHULWA A

1.1.1 Enye indlela yokuzigcina usempilweni kukuzilolonga.√ (1)

1.1.2 Sesokuba sibenobuvila obugqithisileyo.√ (1)

1.1.3 Kukuba nempilo ngokwasenyameni.√
Kukuba nempilo ngokwasengqondweni.√
Kukuba nempilo ngokwasemphefumlweni.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.4 Kukuba sikwenze ukuzilolonga kube yinxalenye yempilo bethu.√ (1)

1.1.5 Kukuhamba imiganyana emifutshane.√
Kukuzibandakanya neziko lokuzilolonga elifana nejim.√
Kukuzibandakanya namaqela ezemidlalo.√
Kukwenza iyoga.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.6 Eyokuba zikho nezinye iindlela zokuzilolonga ezingakhankanywanga√√/eyokuba iindlela zokuzilolonga aziphelelanga kwezi sele zixeliwe.√√ (2)

1.1.7 Kungokuba kukhulisa amandla okuphefumla ngokulula√/kungokuba kwehlisa uxinzelelo ngokwasengqondweni√/kungokuba kwehlisa ukuxhalaba okugqithisileyo√/kwenza ukuba izihlunu zithambe√/kwehlisa uxinzelelo lwegazi.√ (1)

1.1.8 Kukonke oku kwenza ngcono impilo yomntu ngandlela zonke√√/Kukonke oku kuyenza ibe bhetele impilo yomntu ngandlela zonke.√√ (2)

1.1.9 B√/B kuthatha ixesha elincinane√/kuthatha ixesha elincinane.√ (1)

1.1.10 Kunjalo, kuba ukuzilolonga kwenza umzimba uvelise iikhemikhali ezizi-endofini ezibulala iintlungu.√ (1)

1.1.11 Kukuzilolonga ngokuphakamisa iintsimbi.√
Kukuzilolonga ngokusebenzisa oomatshini abathile bokuzilolonga.√ (2)

1.1.12 Kucetyiswa ukuba bangenza izivumelwano zokuqeshiselwa oomatshini neentsimbi zokuzilolonga.√√ (2)

1.1.13 Yeyokuba xa izixhobo zokuzilolonga zingakhuselekanga zingayingozi√√/yeyokuba izixhobo zokuzilolonga zikhe zingakhuseleki.√√ (2)

1.1.14 Kunjalo, kuba umzimba awufuni kuxheshwa ufuna umntu azilolonge ngokwezinga lokulolongeka okulo umzimba wakhe ukuze angabi nakwenzakala√√/kuba akufuneki umntu azixheshe kwasekuqaleni xa esaqala ukuzilolonga.√√ (2)

1.1.15 Iphumelele, kuba ibonisa ukubaluleka kweendlela zokuzilolonga neziphumo zako ezifana nokucutheka koxinzelelo emzimbeni nasengqondweni kwakunye nolwazi lokhuseleko xa umntu ezilolonga.√√

**OKANYE**

Ayiphumelelanga, kuba ayizibonisi iintlobo zokuzilolonga eziyingozi neziphumo ezibi ezingaguqula ubomi bomntu ngendlela embi xa athe akakulumkela ukwenzakala xa asebenzisa zona.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Kukuphakamisa kwabo izixhobo zokuzilolonga.√
Yindlela abemi ngayo ngokwemizimba yabo.√
Ziimpahla abazinxibileyo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.2 Yeyokukhuthaza ukuba abantu bafune ukuhlala besempilweni ngokuzilolonga√√/yeyokukhuthaza ukuba abantu bagcine imizimba ihlale yomelele ngokuzilolonga√√/yeyokubonisa ukuba ukuzilolonga kuyonwabeleka.√√ (2)

1.2.3 Bonwabile√/bayavuya√kuba bancumile.√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe amanqaku olwimi ABE MABINI.

**QAPHELA**

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Sela amanzi utye nokutya okunezakhamzimba ngokomlinganiselo ofanelekileyo.' | 1. | Sela amanzi utye nokutya okunesondlo ngokomlinganiselo onguwo. |
| 2. | 'Ziphathele ukutya okuphekwe ekhaya xa usiya emsebenzini okanye esikolweni.' | 2. | Phatha ukutya okuphekwe ekhaya utye kona emsebenzini okanye esikolweni. |
| 3. | 'Zinike ixesha elaneleyo lokuphumza ingqondo nomoya wakho.' | 3. | Ziphumze ngokwaneleyo ngokwasengqondweni nangokwasemoyeni. |
| 4. | 'Hlaziya ingqondo yakho nomzimba ngokuvuka ekuseni ufumane impepho.' | 4. | Vuselela ingqondo nomzimba ngokuvuka ekuseni ubethwe yimpepho. |
| 5. | 'Qiniseka ukuba uthatha ikhefu elifutshane wolule umzimba rhoqo xa usebenza ixesha elide uhleli phantsi.' | 5. | Qiniseka ngokuthatha ithutyana lokolula umzimba qho xa umsebenzi ukuhlalisa phantsi ixesha elide. |
| 6. | 'Yenza iyoga ukwehlisa ixhala, ukupholisa ingqondo, noxinzelelo lwezihlunu.' | 6. | Yenza iyoga ukuthoba ixhala noxinzelelo lwengqondo nolwezihlunu. |
| 7. | 'Yomeleza ingqondo yakho ngokusoloko unethemba lokuhle.' | 7. | Yomeleza ingqondo ngokuhlala unethemba. |
| **[59 amagama]** | | | **[50 amagama]** |

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCANDELO C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe **iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.**

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Kumthengi.√ (1)

3.2 Kukugqamisa ulwazi olubalulekileyo ukuze luqapheleke lula kumthengi√/ kukutsala iliso lomthengi.√ (1)

3.3 A√/A oluqhathayo√/oluqhathayo.√ (1)

3.4 ... uzuze okuninzi!√ (1)

3.5 Yeyokuba abathengi bayibone le mveliso ithengiswayo√√/yeyokuba abathengi babone ukuba le mveliso ifumaneka kwinkonkxa enjani.√√ (2)

3.6 Yindawo efumaneka kuyo le mveliso√√/lolwexabiso lale mveliso kwisibhengezo-ntengiso√√/iinkcukacha ngeendlela zokunxibelelana kulowo ufuna ukuyithenga le mveliso okanye ofuna iinkcukacha ezithe vetshe ezimalunga nayo√√/lulwazi malunga nodidi lwabantu ebalungeleyo√√/lulwazi malunga nomyinge wobungakanani efumaneka ngawo le mveliso√√/lulwazi malunga nokuba yenziwe ngantoni.√√ (2)

3.7 Kuluncedo, kuba uyabona ukuba baninzi abantu abasebenzisa le mveliso nto leyo enokumenza ayithembe kwaye afune ukuyithenga.√√

**OKANYE**

Akuloncedo, kuba akuveliswanga ukuba zizirivyu ezincomayo okanye ezigxekayo na.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

4.1 Babini.√ (1)

4.2 Usityhilela ukuba uSkip kuyamothusa oku kuthethwa nguNkqayi√/ukuba akakukholelwa oku kuthethwa nguNkqayi.√ (1)

4.3 ...ndicuthe...√ (1)

4.4 Kukuqaqambisa iingcinga zakhe.√√/kukuqaphelisa ofundayo iingcinga zikaNkqayi.√√ (2)

4.5 Kwisakhelo soku-1 umlomo kaSkip uvuleke kancinci kanti kwisakhelo sesi-3 uvuleke kakhulu√√/kwisakhelo soku-1 umlomo kaSkip uvuleke kancinci amazinyo awavelanga kanti kwesesi-3 uvuleke kakhulu kwavela amazinyo.√√ (2)

4.6 D√/D efihlakeleyo√/efihlakeleyo.√ (1)

4.7 Kulungile, kuba bukho ubungqina bokuba ukuzilolonga kunceda ukuba umntu angakhawulezi aguge, nanjengoko kusomeleza umzimba.√√

**OKANYE**

Akulunganga, kuba ukuzilolonga akuyithinteli inkqubo yendalo yokuguga√√/ kuba ukuzilolonga akwenzi ukuba umntu aphele engagugi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | xa√ | (1) |
| | 5.1.2 | ... kule mihla√ | (1) |
| | 5.1.3 | izitepusi√<br>iilifti√ | (2) |
| | 5.1.4 | Ngoku**nj**alo√ kukwabalulekile ukulu**mk**ele√ ukwenzakala. | (2) |
| | 5.1.5 | C√/C esimbaxa√/esimbaxa√ | (1) |
| | 5.1.6 | Sisimeli nobumba.√ | (1) |
| | 5.1.7 | Iingcali zathi mabazilolonge kangangemizuzu eli-150 ngeveki√√/ Iingcali zathi masizilolonge kangangemizuzu eli-150 ngeveki.√√ | (2) |
| | 5.1.8 | ... imisetyenzana.√ | (1) |
| | 5.1.9 | Sandulela isibizo esiyinjongosenzi√√/siphambi kwesibizo esiyinjongosenzi.√√ | (2) |
| | 5.1.10 | Ukuqubha <u>kw</u>enza wonwabe nosapho lwakho.√ | (1) |
| 5.2 | 5.2.1 | <u>Siza</u> kunceda <u>u</u>mhlobo wethu√√/ Siza kunceda mhlobo wethu.√√ | (2) |
| | 5.2.2 | Izandla ziyahlambana√√/Izandla ziyosulana.√√ | (2) |
| | 5.2.3 | Aba <u>baza kuhamba</u> nomhlobo wabo ngomso.√√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**